Vumisani! kwi Nyange Lemihla!!

Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Hai! Ukuhlala kwawo wodwa Umzi
Obantu babenikwe Intsikelelo
Amasango etu onke akanamntu
Nababandezeli basuke bayintloko. Camagu!

Halahoyi! Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwe nyoka yomlambo
Intsikelelo zagxotwa yintonina
Namasiko sekusa siwafanisa.

Panda pantsi uxele amahlungulu
Intsikelelo zasishiy' elubala
Ndingatini betu kungeko nanye nje
Kwinto zakowetu engabisasele.

Amasiko etu anxitywa ilokwe
Yinkohliso yodwa nobumenemene
Kwakutatwa izitembu tina siyashwesha
Ukuze singaqondwa ngawo amaqaba.

Ax'entsa intlombe zix'entswa nasiti
Sigqobok' emini kuhlwe sizinc'uka
Sixakiwe konke kuba sinxazonke
Nabalandelayo bobeta besotuka.

Akukonto kuyiyo ngapantsi kwelanga
Konke ngamampunge awo amampunge
Tu! Nto! Nabuzwe! Sesinjengenciniba
Ipete ubukosi konke elutulini.

Sasifudula sisitya sihluta
Sasifudula sinemfuyo eninzi
Umhlabo lo ngezomini zobawo
Ingwe yetunzi—Umfusa wapakade

Ngalo maxesha imvula zazisina
Ngalo maxesha amasimi ec'uma
Naso! Isiprofeto sika Ntsikana
Tina siwugqwetile Umhlaba ka Palo.

Lomzi wobawo wawumxhelo mnye
Kodwa kunjalo usesebunyameni
Kodwa ke tina mpi yamagqoboka
Sigube u Satana usisinkwabalala

Ze nezitixo zibe sagqoboka
Zisenz'amalunga ahamb' Iremente
Siti xa sivuma—Nkosi sihlangene
Siti sakupuma maye sich'itane.

Bhekan' ezincwadini ze Nyange Lemihla
Isibhalane esabhala masiko
Njengebhadi libhadula ukufuna umtombo
Ngawubhadule nawe ufune amasiko.

Intsikelelo zagxotwa yintonina
Nezik'ulu zetu zonke zati qutu
Tu! Nenkosi sekulaula inkunkuma
Tu! Miteto bafe cwaka abo gaga.

Vumisani nonke kwi Nyange Lemhla
Nilibulele nilandlalel' uk'uko
Akuko nto kuyiyo ngapantsi kwelanga
Semka namampunge awo amampunge.

Hom! Yenzani isijwili nesikalo
Nikumbule ukuba niyinzalo apa
Eyashiywa ke ngobawo entilini
Yaza yaba sisisulu sezizwe.

Akuko nto kuyiyo ngapantsi kwelanga
Semka namampunge awo amampunge
Imkile nemfene ebindizimasa
Ukuba ndinomntu ngeyeyiputuma.

Intsikelelo zagxotwa yintonina
Nentombi azisagidi ngalubambo
Sezik'aba nje kupela onomtatsi
Zemka! Inkomo notixo basemzini

Sasifudula ngezomini zobawo
Sisitya nezíqamo zasendle
Kodwa namhla osezantsi ngosezantsi
Oya kudla iqumbe ngapezulu.

Ndoda ecingayo yivake
Ubeke amehlo ngasemva
Biza inkumbulo ivuke
Ixele intlalo endala.

Yayama emsimelelweni
Upulapulise indlebe
Yolul' amapiko usinge
Ngasemaxesheni akude.

Uzeke kwakona indaba
Zemihla yo Palo no Tshiwo. Camagu!